# XOSA SECTION.



**Lo ngumfi Umhlekazi uHintsa inkosi yama Xosa. Sobhala ngaye epepeni elizayo.**

**Territorial Magazine.**

**IPHEPHA NDABA LEZIFUNDA.**

MAY, 1938.

## Ukupeliswa kwe Bhokwe.

Kunqabile okokuba umntu ontsundu ahlukaniswe nokwafuya ibhokwe. Kundawo ezininzi apo imihlambi emikulu yebhokwe iluncedo asinto elula ukupeliswa kwazo ezindaweni ezinjengase Ntlabeni, Mount Frere; e-Nyegqili, nase Mpolose, Ntabankulu. Ibhokwe inoncedo, ewe ikwa nenkatazo nje ngento zonke. Akuko mntu kwanasilo esingenankatazo kudhlulwe kuyekwe. Kuyimfanelo yamalungu eBhunga uba ayivulele amehlo lento ibhokwe zivulelwe zihambe ibeko nemarike yazo. Kwelase Natal ibhokwe zinentengo epambili. U-Rulumente wase Transkie makaboniswe ngalomcimbi. Emva kokufa kwe nkomo ngu Lindipasi ibhokwe zabaluncedo, abantwana beloxesha bapiliswa ngobisi lwazo, futi masingakohlwa yinto eyimpilo yetu. Ogqira bayalubalula ekondleni kakuhle intsana betele kunobisi lwenkomo ngoba lunyanga inyongo lupelise nepika elusaneni elinamapapu abutakataka. Amafuta ebhokwe aliyeza lckwekwe namaqakuva. Ngokoke ukutshatyalaliswa kwebhokwe makungabi yinto elula pezu kwalamalungelo noxa sesibonisiwe ngazo. Sengati sobe sapula omnye wemiteto oli masingapati kakubi izilwane. Ininzi luyahlupeka ngenxa yolupeliso lwemfuyo yebhokwe, kanti noko abangakanani abavumelana nalo. Masiqwalasele ezizinto zivela butsha ukuba yingozi kwazo, kuti apo ziluncedo kona zilungiselelwe zingabulawa, futi zivunyelwe zihambe. Ibhokwe nxa zinabelusi bazo ngeke zabayingozi yanto njengempahla yonke eyimfuyo yetu yase makaya. Asibobulungis into yoba umntu nxa ahlutwa into anayo, okanye elilungelo lake angabuyiselwa nganto.

Printed and published for the Proprietors by the "Verulam Press," 51, Wicks Street, Verulam Natal.

## Uhambo nge Basi.

Mhleli,—Ndivumele ndike ndipakele umzi wakowetu ongazinto ngo buhlungu bohamba nge Basi zase Transkie. Ndifuna ukuba baqonde ukuba isitembiso esatenjiswayo ukuba abantu baza kulungiselelwa kakuhle asikapumeleli. Andiqondi nokuba sisaxonyiwe kusinina. Ndi bona abantu besaxotyelwa okwentlanzi ezifakwe enkonxeni. Into embi kakulu awukatalelwa nokuba ukulupi udidi uposwa kusilili esinye nezekala zako kulomaqela azele yimbola. Abafundi baya qonda indidi ezise zilalini; andizukuba banzi ukucaza nto ngazo. Eyona nto ibuhlungu kukuti umqubi eqonda ukuba abantu baxinene abanyanzele etuka, equsheka nesihlangu ngase mva, engakatali nokuba kuko abantu ababinqileyo ngezituko zake, kuba esiti ngo "julle kaffer" nditsho mna nokuba kuko abantu abahlonipekileyo abefundisi. Into emasikizi kakulu kukunga hlonishwa kwababantu ababinqileyo yintlanga; ituke ngokugcolileyo pambi kwabo. Nxa uti wenza imbeko yokuba uba xelela ukuba noko abafazi 'ngebe kutshwa kulenxinano ingaka yamadoda ngati yisadinise, uske endaweni yempendulo ufumane inqindi.

Ingaba isitembiso esatenjiswayo sokuba sizakulungiselwa sipina? Kukulungiselwa na oku njengokuba sisakwela kunqwelo etwala impahla zevenkile na? Mfundi uyakupaula ubuhlungu bohamba ngebasi lunzima kakulu kumadoda azi kukanga ka nani kutitshala namantombaza na aya ezi Siminaleni.

Ingaba bubulungisa ukuba amadoda eBunga acele aba kwaloliwe ukuba kwakiwe indlela idibanise iKokstad no Mtata kuba iTrein yona inekalishi ezakuhlangabezana nemfuneko zabantu ngokwendidi zabo. Ezibasi zahlulekile zidala umonakalo ongeka ubeko nxa kuko uloliwe. Into embi abaqubi abafuni nokuba uye ngasese ude uyokufika kulo ndawo eyakuqondwa ngabo. kwaye kuko ukuti uhambe ungapilanga usiya kugqira, kwakona nje ngoko bekendatsho ukuba sizi ndidi kuko abapunga noludiza ati amaHlubi ngamabele ka Bungane, nangenxa yoku xinana abanye izisu zihlambulule nokuba ebekwele epilile. Xola, Mhleli, ngokwelula.

GOHOME.

## Makwenziweni?

Mhlel.—Ndivumele ndike ndenze amabale 'ngwe ngalombuzo obuzwa mihla yonke yintsha yanamhla oti makwenziweni enokupumelelisa iSizwe sika Ntu? Nje ngoko abantu betyakatywe indidi ngendidi bati ke benze impendulo ezahlukahluke neyo. Bambi bati yimfundo epakamileyo, lulimo, yinkolo, kukupindela kumasiko okoko, zimanyano zokuzaka, ezinje nge Kongolose ne I.C.U.

Ukupendula lombuzo ndizaku tata Inkolo kupela kuba iqela elininzi liqokela kuyo. Ndinga abafundi bangayi qonda into yokuba inkolo ngekungatetwa konke ngayo ekuncedeni impumelelo yesizwe kuba injenge kaka qa, Ikaka alinaluncedo nxa lowo ulipeteyo elisebenzisa enepapu kwaye alinakumsindisa nxa yena engazami ukuzisindisa ngalo. Usindiso luba lindile abalufunayo. Impumelelo ye sizwe kukuba sizame ukunyamekela incito nengeniso yaso. Ukukutaza ulondolozo lempahla ekupilwa ngayo liqela elininzi labantu baso, nokunyamekela umsebenzi waso.

Abànye abantu sebe ziqelisile ukulandela amacebo okuwenza lula umsebenzi wabo, kanti kudala umfazi ebe yihlakula yedwa intsimi yake, indoda ilale imini yonke ngasebuhlanti namhla yiyo ehlakulayo yodwa ngenkabi. Zininzi izinto endingalinganisa ngazo abantu abasebezifundile.

Yonke into esiyenza kufuneka umonde nokuba unguMlimi uyiTitshala, unguMcweli nokuba ungu Mrwebi, namanye ke amashishini okupilwa ngawo nemanyano zesizwe ziya kuxaseka zomelele; nxa singati sonke sibe zititshala sonke akunaku lunganto.

Ingozi enkulu kuku ngena imanyano ezipikisana nenkolo. Kufuneka esizukulwane sisebenze ngo monde kuba Inkolo ayinaku hlala emntwini ongasebenziyo kuba uyakuti akulamba ayokuba awepule umteto oti "Uze ungebi" inkolo ilikaka letu lokutshayela indlela yetu kanti nxa singahamba ngapandhle kwayo utshaba lukwalukulu, nobudenge buyakusi ngonyamela. Yona isisiqalo nesipelo sobume betu nxa sisebuhlwempini iko yona nati, nxa sisempumulelweni ikwakona apo. Yake yati enye iKumkani nxa ibona zonke izinto zilungile, ipumelele yateta lamazwi yati; "Isiqalo sobulumko kuko yika u-Yehova.

BIBI.

## INGQUNGQUTELA YO LIMO.

Umanyano lwaba Limi bonke Bomzantsi Afrika obeludibene ku Sikolo Solimo ku Tsolo lubonakalise isenzo esingumzekelo esihle kakulu ekungaba kuhle nxa zonke imanyano zetu bantsundu zingawulandela lomzekelo wokwenza ingxelo yokungena kwemali nencito yayo. Lento ikutaza nawupina umntu otanda inqubela yesizwe nxa ebona ukuba imali yaso ipetwe zizandhla ezingavuziyo. Kaloku akuko mntu onoku faka imali yake kungxowa erobokileyo. Sipaula ukuba kute nxa seku hlauliwe zonke indleko nezi lunge nomongameli bobabini nonobhala kwasala umcono ongengapantsi £125/19/1. Siyawacoma amadoda apete intambo zolumanyano.